



URhulumente
weNtshona Koloni
NGOWAKHO

Inombolo yerefrensi: PTR/8/6/P

UMTHETHO WOKUKHUTHAZA UKUFIKELELA KULWAZI (IPAIA) ISIKHOKELO, KA-2021

**IQULUNQWE NGOKWEMIGAQO YECANDELO 14 LOMTHETHO WOKUFIKELELA KULWAZI, KA-
2000 (NJENGOKO UHLAZIYIWE) YESEBE LIKANONDYEBO WEPHONDO**

Iphunyezwe: nguMnu. D Savage

Isikhundla: liGosa eliyiNtloko: kuNondyebo wePhondo (liGosa leeNkukacha)

Utyikityo: _____

Usuku lokuphunyezwa: _____

Usuku olulandelayo lohlaziyo: eyoMnga 2022

ITHEYIBHILE YEZIQUOLATHO

1.	ULUHLU LWEZHUNQUELELO.....	3
2.	INJONGO YESI SIKHOKELO	4
3.	UKUMISELWA KUKANONDYEBO WEPHONDO	4
3.1	IINJONGO/ISIGUNYAZISO.....	4
4.	ISIMO NEMISEBENZI KANONDYEBO WEPHONDO.....	7
4.1	ISIMO.....	7
4.2	IMISEBENZI.....	8
5.	IINKCUKACHA ZOQHAKAMSHELWANO EZIPHAMBILI ZOKUFIKELEKA KWEENCUKACHA KUNONDYEBO WEPHONDO	17
6.	INGCACISO NGAZO ZONKE IZISOMBULULO EZIFUMANEKAYO KUMBA WENTSHUKUMO OKANYE WOKUSILELA EKUTHABATHENI INTSHUKUMO KWICALA LIKANONDYEBO WEPHONDO	17
7.	ISIKHOKELO NGENDLELA YOKUSEBENZISA IPAIA KWANENDLELA YOKUFIKELELA KWESI SIKHOKELO	18
8.	INGCACISO NGABANINI-MAREKHODI KWANAMABAKALA AMAREKHODI AGCINWE NGUNONDYEBO WEPHONDO	20
9.	AMABAKALA AMAREKHOSI KANONDYEBO WEPHONDO AFIKELELEKAYO NGAPHANDLE KOKUFAKELWA IZICELO ZOKUFIKELELEKA	22
10.	IINKONZO EZIFIKELELEKA KULUNTU NGOKUBANZI KUNONDYEBO WEPHONDO KWANENDLELA YOKUFIKELELA KWEZI NKONZO	23
11.	UKUBADAKANYEKA KOLUNTU NGOKUBANZI EKUQULUNQWENI KOMGAQO-NKQUBO OKANYE EKUSETYENZISWENI KWAMAGUNYA OKANYE YOKWENZIWA KOXANDUVA NGUNONDYEBO WEPHONDO	23
12.	UKUSETYENZISWA KWEENCUKACHA EZINGOMNTU	23
12.1	IINJONGO ZOKUSEYENZISWA	23
12.2	INGCACISO NGAMABAKALA ABANINI BEENCUKACHA, IINKCUKACHA EZITHE ZASETYENZISWA KWAKUNYE NABO BAZINIKIWEYO	24
12.3	UKUNIKEZELWA KWEENCUKACHA EZINGOMNTU NGAPHAYA KWEMIDA YELIZWE OKUSACETYWAYO	24
12.4	INGCACISO EPHANGALELEYO NGAMALINGE OKHUSELEKO AMISELEWYO NGUNONDYEBO WEPHONDO NGENJONGO YOKUQINISEKISA IMFHLELO, ISIDIMA KUNYE NOKUFIKELELEKA KWEENCUKACHA	25
13.	UKUFIKELELEKA KWANOKUFUMANEKA KWESI SIKHOKELO	27
14.	UKUHLAZIWA KWESIKHOKELO	27
	ISIHLOMELO A: ISIKHOKELO NGOKUFIKELELEKA KWAMAREKHODI ANGAFIKELELEKI NJEE	28
	IHLOMELO B: ITSHATA YEENKONZO	32

1. ULUHLU LWEZISHUNQUELO

AFS	lingxelo zeMali zoNyaka
CAE	INggonyela
CGRO	Isimo Sohlalutyo Lolawulo Loshishino
DBAC	IKomiti Yesigwebo Ngeebhidi zeSebe
DPSA	ISebe Lenkonzo yasebuRhulumenteni Nezolawulo
ERMCO	IKomiti yoLawulo IwemiNgcipheko kuShishino
GRAP	INKqubo yoGcino-zincwadi eyamkelele ngokuPhangaleleyo
LED	UPhuhliso loQoqosho Lwengingqi
ICT	Ubuchwepheshe Beenkukacha Nonxibelewano
IDMS	Inkqubo yoLawulo loPhuhliso IweziSeko
IDP	IsiCwangciso Sophuhliso Esihlanganyelweyo
IFMS	Inkqubo Ehlanganyelweyo Yolawulo Lwemali
IGR	Ubudlelwane Phakathi kooRhulumente
IO	IGosa leeNkcukacha
LG MTEC	IKomiti kaRhulumente Wamakhaya yeThuba elingephi
MERO	Isimo Sohlalutyo loQoqoqho looMaspala
MFMA	URhulumente waMakhaya: UMthetho woLawulo IweMali kaMasipala, ka- 2003
MSCOA	ITshati yeMigangatho yee-Akhawunti zooMaspala
MTEF	Isikhokelo Senkcitho Sethuba Elingephi
PAIA	UMthetho wokukhuthaza ukufikelela kulwazi, ka-2000
PERO	Isimo Sohlalutyo loQoqosho IwePhondo
PFMA	UMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, ka-1999
POPIA	UMthetho woKhuselo IweeNkukacha, ka-2013
PSA	UMthetho weeNkonzo kaRhulumente, isiBhengezo, 103 sika-1994
Regulator	UMqulunqi weeNkcukacha
SIME	UNxibelewano LooMaspala Olunganiselwe Kwisicwangciso-qhinga
SIPDM	UMgangatho Wolawulo Lokuthengwa Nokudilivarishwa Kweziseko
SCM	Ityathanga Lolawulo Lweetentego
TCF	IKomiti yeeNgcali yeMali
TIME	Ubudlelwane Obuhlaanganyelweyo Bobungcali kwezikaMaspala
the Constitution	UMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, ka-1996
WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WCGRB	IBhodi yoNgcakazo neMidyarho kwiNtshona Koloni
WC MTBPS	Intetho yoMgaqo-nkqubo weThuba Elingephi KwiNtshona Koloni

2. INJONGO YESI SIKHOKELO

Esi Sikhokelo sePAIA singasetyenziswa lulutho kuluntu ngenjongo-

- 2.1 Yokukhangela isimo samarekhodi anaokuba sele efikeleleka kuNondyebo wePhondo, ngaphandle kokuba afakelwe isicelo sokufikeleleka sePAIA ngokusesikweni
- 2.2 lube nokuyiqondaka indlela yokwenza isicelo sokufikeleleka kwirekhodi Eliselugcinwensi lukaNondyebo wePhondo.
- 2.3 Lufumana iinkcukacha zoqhakamshelwano ezichaphazelekayo zabantu abaza kuncedisa uluntu ngamarekhodi abadinga ukufikeleleka kuwo.
- 2.4 bazi ngazo zonke izisombululo abanokuzifumana kuNondyebo wePhondo ngokuphathelele kwisicelo sokufikeleleka kumarekhodi, ngaphambi kokukrweca uMqulunqi okanye iiNkundla.
- 2.5 Bafumane ingcaciso ngeekonnzo ezifikelelekayo kuluntu ngokubanzi kuNondyebo wePhondo, kwanokuba zifikeleleka njani na ezo nkondo.
- 2.6 Bafumane ingcaciso ngesikhokelo sendlela esetyenziswa ngayo iPAIA, njengoko ithe yahlaziywa kwanokuba ubani angafikeleleka njani na kuyo.
- 2.7 Bazi ukuba iSebe loPhuhliso loLuntu liya kusebenza ngeenkukacha ezingabo, injongo yoko kusetyenziswa kweenkukacha ezingabo ndawonye nengcaciso ngamabakala abaninizinkukacha kune neenkukacha okanye amabakala eenkukacha eziphathelele aphi.
- 2.8 bazi ukuba uNondyebo wePhondo uceba ukudlulisa okanye asebenzise iinkcukacha ezingabo ngaphandle kwemida yeRiphabliko yoMzantsi Afrika kwanabo baza kuzifumana okanye amabakala abo baza kuzifumana okanye abo ziza kuthunyelwa kubo.
- 2.9 bazi ukuba uNondyebo wePhondo unawo na amacebo angawo okuqinisekisa ukufihlakala, isidima kwakunye nokufikeleleka kweenkukacha ekuza kusetyenzwa ngazo.

3. UKUMISELWA KUKANONDYEBO WEPHONDO

UNondyebo wePhondo sisimo sesebe esikwinkqubo karhulumente yona esimiselwe ngokwemigaqo yecandelo 197 soMgaqo-siseko. IPSA yona, enika Amandla icandelo 197 loMgaqo-siseko inika kwicandelo 7 igunya lokumiselwa kwamaasebe ephondo.

3.1 linjongo/isigunyaziso

Eyona misebenzi yeSebe iphambili, amagunya noxanduva adizwe kwicandelo 18 loMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, ka-1999 (UMthetho 1 ka-1999) (iPFMA) nangokwecandelo 5 loMthetho woRhulumente beNgqingqi: UMthetho woLawulo IweMali kaMasipala ka-2003 (UMthetho 56 ka-2003) (iMFMA). Eyona njongo iphambili yeSebe lulawulo Iwemali olunenkathalo, ngokuthi kumiselwe ulawulo olusemgangathweni Iwemali kwaneenkqubo ezihlanganyelweyo zokuhanjiswa kweenkonzo kwiPhondo ngokubanzi.

Oku ke kudinga ukuba iSebe ligxile ekuqinisekiseni ulawulo olusebenzayo nolusemgangathweni Iwezbonelelo zephondo nezoomaspala; ukunikezelwa kwesikhokelo ngokomgaqo-nkqubo; ukunikezelwa kwesikhokelo nokunyanzelisa kolawulo Iweenkqubo zolawulo Iwemali; ukwenziwa luqilima kolawulo Iwetyathanga leentengo kwanolawul olwempahla egungqayo kwibakala lephondo nakweloomaspala; kwanokuphakamisa izinga ukuthabathela uxanduva kwanolawulo Iwemali kumasebe nakoomaspala.

Ukuza kuthi ga ngoku, iSebe liyaqhuba nokuphucula umgaqo-nkqubo ohlanganyelweyo, ucwangciso nokumiselwa kweenkqubo zohlahlo lolwabiwo-mali ngokweentshukumo

zophando loqoqosho loluntu, uhlahlo lolwabiwo-mali Iwephondo noloomaspala oluhlanganyelweyo, ukumiselwa kweMFMA, ulawulo lokuhanjiswa kweziseko zophuhliso, ulawulo Iwetyathanga leentengo, ulawulo Iweenkubo zemali kwanokuphakanyiswa kolawulo olululo kumasebe, kumaqumrhu nakoomaspala.

ISebi linikezela ngeenkonzo kumasebe alishumi elinesine (14) axhamlayo kwanakoomaspala abangamashumi amathathu (30), ndawonye nawo onke amaqumrhu kawonkewonke kunye kunye neenkampani zangaphandle ezinikezela ngeenkonzo.

3.1.1 Izigunyaziso ngokwemithetho echaphazelekayo

3.1.1.1 Izigunyaziso ngokoMgaqo-siseko

ISahluko 13 soMgaqo-siseko siqwalasela imiba ephangaleleyo yemali kwibakala lesizwe, elamaphondo kunye neloorhulumente bamakhaya.

3.1.1.2 Izigunyaziso ngokwemithetho

Izigunyaziso ngokwemithetho asebenza ngayo uNondyebo wePhondo iquka ikakhulu le mithetho yesizwe neyephondo ilandelayo:

1. UMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, ka-1999 (uMthetho 1 ka-1999) (PFMA)
2. URhulumente weNgingqi: uMthetho woLawulo IweMali kaMasipala, ka-2003 (uMthetho 56 ka-2003) (i MFMA)
3. UMthetho woLwahlulo IweNgeniso woNyaka
4. UMthetho woLawulo IweZimali zePalamente kunye neziNdlu zoWiso-mthetho zePhondo, ka-2009 (uMthetho we-10 ka-2009)
5. UMthetho woLawulo IweMpahla eNgashenxisekiyo kaRhulumente, ka-2007 (uMthetho we-19 ka-2007)
6. UMthetho woBudlelwane bobuRhulumente bozakuzelwano ngezimali, ka-1997 (uMthetho wama-97 ka-1997)
7. UMthetho woBambiswano nesiSeko soZakuzelwano, ka- 2005 (uMthetho we-13 ka-2005)
8. UMthetho woPhicotho-zincwadi lukaRhulumente, ka-2004 (uMthetho wama-25 ka-2004) njengoko ihlaziyiwe
9. UMthetho oyiPreferential Procurement Policy Framework Act, 2000 (uMthetho 5 ka-2000)
10. UMthetho weNkubo yoLawulo IweRhafu yePhondo, ka-2001 (uMthetho 53 ka-2001)
11. UMthetho weNkonzo zikaRhulumente, 1994 (Act 103 of 1994) njengoko ihlaziyiwe
12. UMthetho woCwangciso IweMihlaba kunye noLawulo lokuSetyenziswa koMhlaba, wama-2013 (uMthetho we-16 ka-2013) (iSPLUMA)
13. UMthetho woLwabiwo-mali weNtshona Koloni woNyaka
14. UMthetho weNtlawulo ngokuthe ngqo weNtshona Koloni, 2000 (uMthetho 6 ka-2000) njengoko ihlaziyiwe

15. UMthetho woNgcakazo neMidyarho weNtshona Koloni, ka-1996 (uMthetho 4 ka-1996) njengoko ihlaziyiwe

3.1.2 Izigunyaziso ngokwemigaqo-nkqubo

1. I-Agenda ka-2030 yoPhuhliso Oluluqilima (Amanqaku Aluqilima oPhuhliso)
2. I-Agenda ye-Africa yamanqaku ka-2063
3. Isikhokelo Sokuthatyathelwa Phezulu Kohlahlo Lolwabiwo-mali
4. Isikhokelo Semigaqo-nkqubo Yovavanyo Kwilizwe (2011)
5. IsiKhokelo seMigaqo-nkqubo yeeNkqubo Zohlolo Novavanyo lukaRhulumente Ngokubanzi (sika-2005)
6. Isikhokelo Esihlaziyiweyo Sezicwangciso-maqhina kunye Neengxelo Zentsebenzo Yonyaka (sika-2019)
7. Isicwangciso-qhinga Sohuhliso Lwezibonelelo Zabasebenzi kuMzantsi Afrika sika-2010-2030


3.1.2.1 Imigaqo-nkqubo yezicwangciso-maqhinga

Ezi zigunyaziso zemigaqo-nkqubo zilandelayo zithi ngokukodwa ziqhube umsebenzi kaNondyebo wePhondo:

1. Isicwangciso Sophuhliso Lwesizwe sika-2030
2. Isicwangciso Seminyaka Emihlanu Sokumiselwa Kwesicwangciso Sophuhliso Lwesizwe
3. Isikhokelo Sesicwangciso-qhinga Saphakathi Enyakeni sika-2019 – 2024
4. Izikhokelo Zophuhliso Lwemihlaba
5. Isicwangciso Sophuhliso IwePhondo sika-2020 – 2025 (iPSP)
6. i-OneCape2040

4. UBUME BESEBE NEMISEBENZI KANONDYEBO WEPHONDO

4.1 Ubume



UNondyebo wePhondo
Ukusuka kowoku-31 kweyoKwindla 2021

Imisebenzi

Isicwangciso Sentsebenzo Yonyaka sivakalisa ukwamkela kukaNondyebo wePhondo uxanduva lwakhe ekuphuculeni indlela ekwabiwa ngayo, ukuqinisekisa ixabiso lemali kwanokugcina uzinzo kwiimali. Oku ngokuthi enze imisebenzi yakhe engundoqo yokumisela ulawulo oluhle kwanokumisela inkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo ehlanganyelweyo. Eyona nto ingundonqo iqua ukumisela inkqubo yolawulo oluhlanganyelweyo. Oku ke kubandakanya inkqubo ebanzi yokwayanyaniswa kwemigaqo-nkqubo yephondo neyoorhulumente bamakhaya, ucwangciso, uhlahlo lolwabiwo-mali, ulawulo nomiselo. Injongo kukomeleza uthungelwano nokwayamana phakathi kweenkqubo nezimo zikarhulumente namanye amahlakani aphambili, ngelixa kuphuculwa ukuhanjiswa kweenkonzo, kudalwa elona futhe libonakalayo ifuthe ngokoqoqosho loluntu kwanokwakhiwa kwexabiso loluntu. Amalungiselelo namatyathanga entsebenziswano namasebe ephondo yaye oomaspala bayu kuhlala bexhaswa ngokwezivumelwaniso ezimiselweyo ezidana neengqungquthela zeSicwangciso Sophuhliso Esihlangannyelweyo (i-IDP), Ilinge Locwangciso Elihlanganyelweyo, iSivumelwano Sezobuchwepheshe Esihlanganyelweyo sooMaspala (iTME), iSivumelwano Sesicwangciso-qhinga Esihlanganyelweyo sooMaspala (iSIME) kune neKomiti Yenkitho Yaphakathi Enyakeni yooRhulumente Bamakhaya (iLG MTEC).

Inkqubo 1: Ezolawulo

Le nkqubo ixhasa ngokwesicwangciso-qhinga uMphathisawa kune neNtloko yeSebe ngokuthi inikezele isikhokelo kumba wesalathiso sesicwangciso-qhinga kwanokunikezelwa kweenkonzo evisemgangathweni zemali nezingezinye.

4.2.1 Le misebenzi ilandelayo inikezelwa ngokwemigaqo yale nkqubo:

4.2.1.1 Inkqutyana 1.1: **I-Ofisi kaMphathiswa:** Kukuncedisa ilungu leKhabhinethi yePhondo kwimisebenzi eliyinikwe yimithetho kune neNkulumbuso.

4.2.1.2 Inkqutyana 1.2: **linkonzo zoLawulo:** Kukunikezela iinkonzo zenkxaso kwintsebenzo nangokwesicwangciso-qhinga.

Eyona misebenzi iphambili kule nkqutyana yile ilandelayo:

- Kukunikezela ngesikhokelo kwiSebe kwinkalo yentsebenzo engayamenanga nemali, uhlolo, ukunikezelwa kweengxelo kwakunye neenkqubo zovavanyo;
- Kukuqinisekisa ukunikezelwa kweenkonzo zenkxaso kulawulo lwabantu ngokwemigaqo yesivumelwano senqanaba leenkonzo kwakunye neeshedyuli zeenkonzo kwiZiko Leenkonzo Zoshishino;
- Kukuqinisekisa imeko yokusebenzela ekhuselekileyo nengenamingcipheko kwimpilo yabasebenzi iyanikezelwa ze igcinwe injalo;
- Kukulawula amalinge ophuhliso lolutsha, kuquka Phakathi kwezinye iphulo leNkumbumbuso Lophuhliso Lolutsha, uKhuphiswano Lokubhalwa Kwezicatshulwa kune neNkqubo Yenkxaso-mali Yangaphandle;
- Kukunikezela iinkonzo zenkxaso kwigosa eliyintloko ngokwemigaqo yolawulo lweembalelwano, imisebenzi kanobhala neye-ofidsi eyamkela iindwendwe, unxibelelwano nepalamente ndawonye neenkonzo eziphangaleleyo zenkxaso yolawulo; kune
- Neenkonzo zonxibelewano lwangaphakathi nolwangaphandle.

4.2.1.3 **Inkqutyana 1.3: Ezolawulo IweMali:** Kukuncedisa iGosa Elongameleyo ekuqhubeni umsebenzi wolawulo lwemali kwiSebe.

Eyona misebenzi iphambili yale nkqutyana yile ilandelayo:

- iCandelo Logcino-ncwadi Lwezolawulo linoxanduva lokuhlanganisa izabelo-mali zonyaka nezohlengahlengiso, uhlolo nolawulo lwenkcitho ngokwenkqubo Yohlolo Lwaphakathi Enyakeni (i-IYM) rhoqo ngenyanga, kwanokuhlanganiswa kwengxelo yonyaka yesebe;
- iCandelo Logcino-ncwadi Zemali linoxanduva lokugcina inkqubo yeentlawulo (iBAS, iLOGIS kune nePERSAL) ngokwemigaqo yePFMA, lihlanganise iingxelo zemali zethutyana (i-IFS) kune neengxelo zemali zonyaka (i-AFS), kwanokunikezelwa ngomsebenzi womntu owamkela nogcina imali , owogcino-zincwadi kwanolawulo lwemivuzo kwiSebe;
- iCandelo Lolawulo Lwetyathanga Leentengo (iSCM) linoxanduva lokugcina inkqubo efanelekileyo yeentengo neyezibonelelo engenamkhethe, esekelwe kumakulinganwe, ekhuthaza ukhuphiswano neyongayo engxoweni, ndawonye nolawulo, kuquka nokukhuselwa, nokulungiswa kwempahla yeSebe ndawonye nokunikezelwa kweenkonzo ezithile zokuncedisa. Ngapha koko, icandelo eli lisebenza njenecandelo likanobhala kwiKomiti yeSebe Yezigqibo Zeebhidi yeSbe (iDBAC); kune
- neCandelo Lolawulo Lwezangaphakathi ekufuneka liqinisekise uuba amalinge olawulo lwezangaphakathi akho kwiSebe ngokubanzi, ingakumbi kwiinkalo ezinomngcipheko ophezulu, ngenjongo yokuthintela naziphi na izimvo zophicotho Iwangaphakathi nolwangaphandle ngenjongo yokuqinisekisa ukuba umsebenzi uyenzeka. Ngapha koko, icandelo eli likwasebenza njenecandelo lezolawulo kwiKomiti Yolawulo Lwemingcipheko Yoshishino (i-ERMCO) yaye iyaluthobela uvavanyo lwenkqubo Yohlaluyuo Nesimo Solawulo Lwezoshishino (iCGRO).

Inkqubo 2: ULawulo LweziBonelelo olunoZinzo

4.2.3 Le nkqubo iqinisekisa ulawulo olusemgangathweni nolululutho lwezibonelelo zephondo nezoomaspala.

4.2.4 Le misebenzi ilandelayo inikezelwa ngokwemigaqo yale nkqubo:

4.2.4.1 **Inkqutyana 2.1: Inkxaso kwiNkqubo:** kukunikezelwa inkxaso yezolawulo neyeenkqubo zolawulo kule nkqubo.

Eyona misebenzi iphambili yale nkqutyana yile ilandelayo:

- Ukunikezelwa kwezbonelelo soqequesho olumiselwego kwanophuhliso Iwabasebenzi abakule nkqubo. Oku ke kuquka intloko nabasebenzi abanikezelwa inkxaso kwiCandelo: Leenkonzo Zemali Nezoqoqosho ndawonye nabalawuli abaziintloko abanoxanduva Iwamacandelo aziintloko eeNkonzo zeMigaqo-nkqubo yoLuntu, eleMali Yoluntu Ngokubanzi: kuRhulumente wePhondo kune nezeMali yoLuntu Ngokubanzi: kooRhulumente Bamakhaya.

4.2.4.2 Inkqutyana 2.2: engoMgaqo-nkqubo Ongemali: Kukuphanda, ukuhlalutya kwanokunikezela ngeengcebiso ngomgaqo-nkqubo, isicwangciso-qhinga kwanolawulo lwezibonelelo zemali zephondo nezoomaspala.

Eyona misebenzi yale nkqutyana yile ilandelayo:

- Kukwenza uphando nohlalutyo lwemiba yemigaqo-nkqubo yemali yephondo neyoorhulumente bamakhaya echaphazela isikhokelo semali seli Phondo ngenjongo yokuhlanganisa ezo nkukacha kwinkqubo yokuqulunqwa kwezikhokelo eziluqilima zephondo nezoorhulumente bamakhaya ndawonye nesicwangciso-qhinga semali kwiphondo esikwinkqubo yokwenza kweentlawulo kwilizwe ngokubanzi (isabelo esilinganayo neenkxaso-mali ezinemiqathango), inkqubo yemali koorhulumente bamakhaya kune nokuhlanganiswa kwamalinge ezbonelelo zengingqi kwinkalo yezibonelelo esezikho nezintsha, izibonelelo zethu zengeriso. Ezi mveliso zondla isicwangciso-qhinga sePhondo ngokuthi kusoloko kuphuculwa kwimigaqo yemali kwakunye nokugcinwa kozinzo kwezemali;
- Lulawulo IweNgxowa-mali Yengeniso yePhondo kwanokuqinisekisa ubukho bezidingo zemali eziinkozo kwiPhondo;
- Yinkxaso yamalinge kwanokunikezelwa kweengcebiso kwakunye nesikhokelo kumasebe noomaspala kwimiba eyayamene nengeniso nolawulo lwemali eziinkozo ngokuthi kuhlalutwe ze iqlunqwe iingxelo ngokuphuma nokungena kweemali nentsebenzo yengeniso; kune
- Ukubekwa esweni kweBhodi yoNgcakazo neMidyarho kwiNtshona Koloni (iWCGRB) nolawulo lokwenziwa kweenkqubo zokuhlaziwa kwemithetho echaphazela icandelo lezongcakazo.

4.2.4.3 Inkqutyana 2.3: Ezolawulo IweZabelo-mali

Icandelwana: I-Ofisi yeZabelo-mali zikaRhulumente wePhondo: Kukuphakamisa ukwabiwa okusebenzayo kwezibonelelo ngokuthi kunikezelwe ngophando Iwezoqoqosho loluntu nolwemigaqo-nkqubo, uhlalutyo neengcebiso ukondla inkqubo yokuqulunqwa kwezabelo-mali zephondo, ndawonye nohlolo lwemimiselo yezabelo-mali nentsebenzo.

Eyona misebenzi iphambili yale nxalenyne yile ilandelayo:

- Igxile ekuthungelaneni kwemigaqo-nkqubo, kucwangciso neenkqubo zokuqulunqwa kwezabelo-mali. Uphando luquka Uhlalutyo Nesimo Soqoqosho IwePhondo (iPERO), eyingxene yeenkqubo zocwangciso nokuqulunqwa kwezabelo-mali ePhondweni. Konke-konke, uphando, uhlalutyo neemvavanyo zezikunikezela inkxaso kumasebe ephondo kwimiba yomgaqo-nkqubo wohlahlo lolwabiwo-mali ze zondla inkqubo yokuqulunqwa komgaqo-nkqubo wephondo wohlahlo lolwabiwo-mali ngenjongo yokwenza izindululo ngokwemigaqo yoondoqo besicwangciso-qhinga sikhulumente abathiwe thaca kwiSicwangciso-qhinga sePhondo kwanakweminye imigaqo-nkqubo yesizwe ebandakanyekayo. Intetho yoMgaqo-nkqubo Wohlahlo Lolwabiwo-mali Lwaphakathi Enyakeni kwiNtshona Koloni (iWC MTBPS) inika isimo nesikhokelo sezooqoqosho, semali nesomgaqo-nkqubo esiza kwakhelwa kuso isabelo-mali sonyaka ozayo kwiphondo. Sinika isikhokelo somgaqo-nkqubo wohlahlo lolwabiwo-mali kwakunye noondoqo besabelo-mali abaxhasa ukuhanjiswa kwemigaqo-nkqubo kaRhulumente weNtshona Koloni (iWCG), iinkqubo kune namaphulo akhaphela inkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo ePhondweni.

Icandelwana: **I-Ofisi yoHlahlo Lwabiwo-mali LooRhulumente Bamakhaya:** kukuphakamisa ukwabiwa okusebenzayo kwezbonelelo zemali kwanokunikezela ngophando lwezoqoqosho loluntu, uhlalutyo kunye neengcebiso ezondla inkqubo yokwensiwa kwamalungiselelo izabelo-mali zoomaspala ze kuhlowe inkqubo yokumiselwa kohlahlo lolwabiwo-mali.

Eyona misebenzi iphambili yeli candelo yile ilandelayo:

- Linikezela ngophando, uhlalutyo ngoqoqosho lommandal nolweningqi kwanokunikezelwa kolwazi ngezoqoqosho oluza kusetyenziswa kwinkqubo yocwangciso neyokuqulunqwa kohlahlo lolwabiwo-mali koomaspala. Uphando nohlalutyo ekupapashweni rhoqo ngonyaka komgaqo-nkqubo Wohlalutyo Nesimo Soqoqosho looMaspala (iMERO) kwakunye nokukhutshwa kweKwezimo Soqoqosho Loluntu. Icandelo eli livavanya izabelo-mali zonyaka zoomaspala zelinikezele nezindululo ukuze kuphuculwe indlela yokusabela kwezabelo-mali kwinkalo yokusombulula iinjongo zoqoqosho loluntu nezemigaqo-nkqubo; kwakunye
- Nokuxhasa inkqubo yokuqulunqwa kohlahlo lolwabiwo-mali ngokuthi kukuhlanganiswe imihlangano yeKomiti YooRhulumente Bamakhaya Yenkchito Yaphakathi Enyakeni kwanokuhlola kwenkqubo yokumiselwa kwezabelo-mali zoomaspala ngokweZicwangciso Zenkqubo Yokuhanjiswa Kwenkonzo Nokumiselwa Kwezabelo-mali zoomaspala.

4.2.4.4 Inkqutyana 2.4: Imali yoLuntu ngokuBanzi

Icandelwana: **Imali kaRhulumente wePhondo:** Kukuhlanganisa uhlahlo lolwabiwo-mali olusemgangathweni noluluqilima eoluphambili kwanolo luhlengahlengisiweyo, kwanokuze kunikezelwe isikhokelo ze kuhlowe ukumiselwa ngendlela kwaso.

Eyona misebenzi yeli candelo yile ilandelayo:

- Uvavanyo lwezabelo-mali zephondo ngenjong oyokuphucula isidima nozinzo kwisabelo-mali;
- Ukuhlolwa kwenkqubo yomiselo lwezabe-mali ngenjongo yokwenza luqilima inkqubo yokuthabathela uxanduva, umgangatho wokusebenza kunye nesidima seenkcukacha. Ukomelezwa kwemali yinxalenye yomsebenzi wecandelo Lesicwangciso-qhinga Kwimali yaye ke ngoko kugxilwe kulawulo Iwenkcitho ngokwemida yesabelo-mali kwanolawulo oluluqilima lwezabelo-mali zabasebenzi; kunye
- lindawo ekugxilwa kuzo ekulawulweni kwenkcitho ngendlela kumasebe ngendlela ehlanganyelweyo kunye necandelo Lezolawulo Lwetyathanga Leentengo kuNondyebo wePhondo kwanokuphuculwa kwesidima seenkcukacha, ingakumbi ezo zichaphazela ekurekhodweni kwenkcitho.

Icandelwana: **Imali yooRhulumente Bamakhaya** (Amaqela 1 no-2): kukuqhuba inkqubo yokumiselwa kweMFMA kwanokuncedisa nokunikezela isikhokelo koomaspala ekuqulunqeni izabelo-mali nasekuhloleni inkqubo yokumiselwa kwazo ekwakhiweni koorhulumente bamakhaya abanzinzo.

Eyona misebenzi iphambili yeli candelwana yile ilandelayo:

- Ukuquuzelela nokulungelelanisa ukuphunyezwa nokumiselwa kweMFMA kuNondyebo wePhondo kwanakoomasipala ngenjongo yokuqinisekisa ukuba iinjongo ze-ajenda yokuphuculwa koorhulumente bamakhaya iyafikeleka, kugxilwe ikakhulu kubaguquli benkqubo beKomiti Yobungcaphephe Kwezemali, zizuzekile. Ukumiselwa kweMFMA kuya kuqhutywa ngokobudlelwane obuphakathi koorhulumente (i-IGR) nokuhlanganiswa Phakathi koomaspala, amasebe ephondo, amasebe esizwe kunye namanye amahlakani achaphazelekayo. Uxanduva olumandla luquka uhlolo, inkxaso kunye nokungenelela kwinkalo yokumiselwa kweMFMA, ingeniso, inkcith kunye nolawulo lwemali eziinkozo;
- Kukuhlola nokunikezela iingxelo ngengeniso nenkcitho yaphakathi enyakeni; kunye
- Nokugxila kwiinkalo ngokwemigaqo yabaguqulu beTCFabaza kunikezela isikhokelo nolawulo lwengeniso ehlanganyelweyo kunye nezabelo-mali ezinemali ebekelwebucala, kuqua nokusabela kwinkxaso enikwa ingakumbi oomaspala abankenenkene, kwanokunika Amandla eyona njongo yethu ephambiuli yokuqhuba i-ajenda yoorhulumente bamakhaya.

Icandelwana: Iziseko zoPhuhliso: Kukuphakamisa ukuhanjiswa kwesteko zophuhliso ezibonakalayo ezintsha kwanokulungiswa kwezo sezikho.

Eyona misebenzi iphambili yeli candelwana yile ilandelayo:

- Inkqubo Yolawulo Lophuhliso Lweziseko kwiNtshona Koloni (i-IDMS) isisicwangciso seziseko zophuhliso kwiNtshona Koloni ukuze kufikelelwwe kowona mgangatho uphezulu wokusebenza ze kuzuzwe nexabiso ngokwesiseko sempahla yephondo. Eyona nto ikhoyo kwi-IDMS yinkqubo ehlanganyelweyo yocwangciso nokuqulunqwa kwezabelo-mali. Eyona nto lijolise kuyo eli candelo esikukuhlolwa kwenkqubo yokumisela koMgangatho Wokuthengwa Kweziseko Nolawulo Lokuhanjiswa kwazo (iSIPDM) kunye ne-IDMS kumasebe ephondo. Enye injongo yeli candelo kukuhlola ukumiselwa kweSIPDM kwinkalo yoomaspala. Eli candelo likwanoxanduva lokuhlola inkcitho kwiziseko zamasebe athile kwanenkxaso enikwa iKomiti yoMphathiswa weNtshona Koloni Yokuuhlanganiswa Kweziseko (iWCMiCoCo), osihlalo wayo unguMphathiswa Wezemali kwiPhondo, kwilinge lokuzuza lokuhanjiswa ngendlela esebezayao kweziseko zophuhliso kweli Phondo; kunye
- Isakhono sikaRhulumente weNtshona Koloni sokuchonga, ukucwangcisa, ukuvavanya izinga lomgangatho kunye nokuhlola inkqubo yokuhanjiswa kweziseko siya kuqhuba nokuqinisa kwisithuba seSikhokelo Senkcitho Yaphakathi Enyakeni (iMTEF).

Icandelo: ULawulo LweeNkcukacha zoShishino: Kukunikezela imeko yokuncedakala kwabaxhamli, ukuhlanganiswa kweenkcukacha kwakunye nolawulo lweenkcukacha kwakunye nenkonzo yolawulo lwamarekhodi kuNondyebo wePhondo.

Eyona misebenzi iphambili yeli candelo yile ilandelayo:

- Icandelo loLawulo lwamaRekhodi linoxanduva lokulawula inkqubo yokufayile enye kuphela nejoliswe ekuthobeleni imimiselo yeNkonzo Yoovimba Namarekhodi kwiNtshona Koloni. Lo vimba mnye yinkqubo enikezela ithuba kubasebenzi bakaNondyebo wePhondo ukuze benze izigqibo ezizizo, bakhusele iinkcukacha ze banikezele isikhokelo sokugcinwa kweenkcukacha. Icandelo Lolawul olwamarekhodi likwanoxanduva lweenkalo ezithile zolawulo lokhuseleko kwanokuhlanganiswa

kwezicelo zeenkukacha ngokwemigaqo yoMthetho wokuKhuthazwa kokuFikeleleka kuLwazi , ka-2000 (iPAIA) kuNondyebo wePhondo;

- Icandelo loLawulo Lweenkukacha linoxanduva wolawulo Iwamaxwebhu eenkukacha kube ke ngoko kuxhaswa iinjongo zisicwangciso-qhinga sikaNondyebo wePhondo. Ukuhlanganiswa ezindaweni kweeseti zeenkukacha kuya kwensiwa luqilima ngenjongo yokuphakamisa ukuhlanganiswa kweenkukacha phakathi kwamabakala karhulumente. Icandelo Lolawulo Lweenkukacha likwanoxanduva lokuthabathela phezulu iinkukacha nonxibelewano ngokobuchwepheshe (i-ICT) eSebeni ngokuthi oko kumiselwe liSebe Leenkonzo Zoluntu Nezolawulo (iDPSA), iSikhokelo soMgaqo-nkqubo Wolawulo Lwezoshishino Kwezeenkukacha Nonxibelewano (iCGICTPF) ndawonye nohlolo Iwamalinge eSicwangciso Sesicwangciso-qhinga Sezeenkukacha Nonxibelewano Ngokobuchwepheshe;
- Ukusebenza ngokuncedana nabaxhamli ngqokunika isikhokelo sokuhlanganiswa kweenkqubo zesebe nezoomaspala zeMTEC ndawonye nokuhambahamba kwamaxwebhu achaphazelekayo (aphathekayo kunye nakumaqonga obuchwepheshe); kunye
- Icandelo Lokuhlanganiswa Kweenkukacha ligcina uvimba kunye namaxwebhu opapasho ndawonye namaphepha okusebenza kaNondyebo wePhondo.

Inkqubo 3: uLawulo IweMpahla

- 4.2.5 Kukunika isikhokelo somgaqo-nkqubo kwanokunikezela isikhokelo sokunyanzelisa kolawulo lweenkqubo zemali kwiphondo, ezingolawulo lwetyathanga leentengo kwanolawulo lwempahla egungqayo kwibakala lephondo neloomaspala.
- 4.2.6 Le misebenzi ilandelayo yenziwa ngokwemigaqo yale nkqubo:
- 4.2.6.1 Inkqutyana 3.1: Inkxaso kwiNkqubo: Kukunikezela ngolawulo kwanenkxaso yezolawulo kule nkqubo.

Eyona misebenzi iphambil yale nkqutyana yile ilandelayo:

- Ukuunikezelwa kwezibonelelo zoqequeso olumiselweyo lwabasebenzi abasebenzela le nkquno. Oku ke kuquka intloko nabasebenzi abanika inkxaso kwiSebe: Ezingolawulo Lwempahla, umlawuli oyintloko ochaphazelekayo nonoxanduva IweCandelo Lolawulo: Ezingolawulo Lwempahla, ndawonye nabalawuli abachaphazelekayo abajongene namacandelo eloLawulo lwetyathanga Leentengo kuRhulumente wePhondo kunye neeNkqubo Ezixhasa Nezayamene Neenkqubo Zemali.

- 4.2.6.2 Inkqutyana 3.2: iCandelo loLawulo IweTyathanga leNtengo

Icandelo: Ezingolawulo Lwetyathanga Leentengo kuRhulumente wePhondo: kukuunikezela ngesikhokelo somgaqo-nkqubo kwanolawulo lwetyathanga leentengo kunye neenkqubo zolawulo lwempahla.

Eyona misebenzi iphambilieli candelo yile ilandelayo:

- Kukuqhube nenkqubo yeSCM eyenzelwa kwiziko kwanolawulo lwempahla egungqayo kwakunye nezidingo zentsebenzo kweli Phondo;

- Kukugcina nokuvuselela inkqubo yolawulo oluluqilima kunye nesicwangciso-qhinga seSCM seli Phondo ngokuthi kuhlolle ze kuvavanywe ngokuthi kwensiwe iinkqubo zemisebenzi yokuvavanywa kwefuthe kwanokuvavanywa kwemisantsa kunye neziqh u zolawulo eziphambili ngokwenkalo ebonakalayo, esekelwe kwiinzuso zomgangatho kwanefuthe lenkonzo;
- Ukugxila kweli candelo ekusebenziseni ubuchwepheshe njengento ezakuvulela iimpucuko kwintsebenzo yenqubo yeSCM. Eyona nto kugxilwe kuyo iquka inkqubo eqhubayo yokumiselwa kukavimba weenkampani zangaphandle, inkqubo esekelwe kubungqina ngeokudizwa kweenkqubo eziphuculiweyo, izidingo zolawulo kwanokuvuselewa kwesisombululo senkqubo yeentengo ngokweqonga lezobuchwepheshe ukufumana iikowuti, kwanokuqhuba ngokukhutshwa kweebhidi, ulawulo lwezbihambathiso kunye neemodyuli ezingentsebenzo yamashishini. Omnye umsebenzi weli candelo kukuqhuba nokwakha isakhono sokutsala iinkcukacha zoshishino ngenjongo yokuxhasa ukuthatyathwa kwezigqibo ezingentengo kwanenkqubo engcono yolawulo lwetyathanga leentengo;
- Intsebenzo entle kwiintengo kwanenkitho eyiyo kwinkalo yeentengo exhaswa ziinkqubo ezisekelwe kwisicwangciso-qhinga seentengo kwinkqubo yocwangciso lokwenziwa kweentengo ngenjongo yokusebenzisa iinzuso zentsebenzo eyiyo, ukonga ngokuthi kuthengwe kakhulu kumalinge eentengo kwanakwizibhambathiso ezisezayo ezohakathi kwabasebe; kunye
- Ukupuhhliswa kvezakhono zabasebenzi beSCM kwaneenkampani zangaphandle ngowoma msebenzi weli candelo. Izakhono zeSCM nophuhliso lolwazilwabasebenzi kumaqumrhu neziwa ngokwamalinge atshoyo oqequesho, inkxaso noncedo lwedesi ka yoncedo nesikhokelo, imiboniso yasezindleleni kunye neQonga leSC, oko ke kukuthi, uMgaqo-nkqubo Nolawulo lweSCM, Ubuchwepheshe beSCM: amaqela agxile kwiEkuxhotyiswa & Nasekupuhhlisweni kwanakuLawulo Lwesidingo. Kusetyenziswa uthotho Iwamaqonga ukubonisana neenkampani zangaphandle ngenjongo yokuqinisekisa ukuba ziyaxhotyiswa ze zikulungele nangakumbi ukuqonda imeko yeSCM kwiphondo kunye nezidingo zenkqubo yeentengo xa zisenza ushishino noRhulumente wePhondo.

Icandelo: ezolawulo Lwetyathanga leeNtengo kooRhulumente Bamakhaya: kukunikezela isikhokelo ngomgaqo-nkqubo kwanokumisela inkqubo yolawulo lwetyathanga leentengo kwakunye neenkqubo zolawulo lwempahla.

Eyona misebenzi yeli candelo yile ilandelayo:

- Ukunikezela uncedo nesikhokelo kwaba maspala bangama-30 beli Phondo kumba wolawulo nentsebenzo ebonakalayo kwinkalo yeSCM neyolawulo lwempahla;
- Kugxilwe kwinkqubo yeentengo njengesixhobo sohuhliso loqoqosho kwezi zithili. Ukuza kuthi ga apha, icandelo eli lithe lamiela iSCM Indaba enjongo zayo zikukumisela isimo esigxile kuqoqosho loluntu ukuze kube nokusetyenziswa ngendlela inkqubo yeentengo ekukhuleni nasekupuhhleni koqoqosho olubandakannyayo. Oku ke kuthetha ukuba maze kulandelwe inkqubo eggibeleyoy apha abaphathi beSCM, abaphathi Bophuhliso Loqoqosho Lwengingqi kunye nabaphathi be-IDP bahlanganisa ucwangciso Iwabo. Imveliso yeli linge iya kuba kukumisela kwamaphulwana koomaspala abathile;

- Ukugxila ekwakheni iinkqubo zokwenziwa luqilima kohlalutyo nezakhono zolwazi lwezoshishino Fngengjongo yokuxhasa oomaspala. Kuya kuqhutywa amalinge athile ngenjongo yokuphucula ulawulo lweenkukacha ze ekugqibeleni kwenziwe luqilima inkqubo yokuthathyathwa kwezigqibo;
- Inkqubo yoqequeso nokuxhobisa ngezakhono kwicandelo Lolawul oLwetyathanga Leentengo kunye nakwinkalo yoLolawulo Lwempahla iya kuqhuba ngendlela enesimo esimiselweyo esiquka amalinge asesikweni oqequeso, amalinge agxilileyo, amaqonga eSCM neLolawulo Lwempahla ndawonye neengqungquthela zenkalo Yolawulo Lwempahla; kunye
- Ukuqulunqa isikhokelo Solawulo Lwempahla koomaspala njengesigaba sokuqala, esigxile kwimigaqo-nkqubo/kwizicwangciso-maqhinga zolawulo Iwempahla kunye neenkqubo zoshishino.

4.2.6.3 **Inkqutyana 3.3: ezeNkxaso kunye Neenkqubo Ezithungelanana Zemali:** Kukunikezela inkqubo yokumisela, ukulawula nokubeka iso kwiinkqubo zemali ezisetyenziswa liphondo kwanemfuduko eya kwiNkqubo Ehlanganyelweyo Yolawulo Lwemali (i-IFMS).

Eyona misebenzi iphamnili yale nkqutyana yile ilandelayo:

- Kukuqhuba nokuphucula inkqubo yolawulo Iwemali kwiPhondo ngokuthi kuqequeshe abasebenzisi bale nkqubo ngokwemigaqo yeeprofayili zenkqubo abayisebenzisayo, kwanokugcinwa kweenkqubo zolawulo Iwee-akhawunti zabasebenzisi ezisebenzayo ngenjongo yokuphucula ukhuseleko Iwezi nkqubo;
- Kukuqinisekisa uphuhliso oluphangaleleyo Iwamalinge oqequeso ahlanganyelweyo ukuze kuphakanyiswe ukusetyenziwa ngendlela nakakule kweenkqubo zemali, amanyathelo okuvuselela ukuba semgangathweni kwanokuchaneka kweenkukacha, eziquka ukunikezelwa kwenkonzo kuwo onke amasebe ngokuthi kunikezelwe ulawulo olusemgangathweni kwakunye neenkukacha ezigqibeleleyo; ndawonye
- Nokugxila ekulungeleni kwanokulungiselelwa kweenkukacha kwiinkqub zemali ezisetyenziswayo ngoku kwiphondo kube ke ngoko kulungiselelwa ukufudukela kwi-IFMS.

Inkqubo 4: Ezingolawulo Lwemali

4.2.7 Kukuphakamisa uzinzo kunnye nolawulo Iwemali oluphilleyo kumasebe, amaqumrhu nakoomaspala.

4.2.8 Le misebenzi ilandelayo inikezelwa ngokwemigaqo yale nkqubo:

4.2.8.1 **Inkqutyana 4.1: Inkxaso kwiNkqubo:** Kukunikezela isikhokelo solawulo kwakunyenkenxaso yezolawulo kule nkqubo.

Eyona misebenzi yale nkqutyana yile ilandelayo:

- Ukunikezelwa kwezibonelelo zoqequeso nophuhliso olunesimo kubasebenzi bale nkqubo. Oku ke kuquka intloko nabasebenzi abanika inkxaso kwiSebe: Lewezingolawulo kunye Nolawulo Lwempahla, umlawuli oyintloko ochaphazelekayo onoxanduva IweCandelo Lolawulo: Ezingolawulo Lwemali Nogcino-zincwadi okwasebenza njengoMgcini-zincwadi Oyintloko kwiPhondo leNtshona Koloni, kunye nabalawuli abachaphazelekayo abinoxanduva IweCandelo IwezoGcino-zincwadi

kuRhulumente wePhondo, kwezoGcino-zincwadi kooRhulumente Bamakhaya nakwezoLawulo Lwemali.

4.2.8.2 Inkqutyana 4.2: Ezingeenkonzo Zogcino-zincwadi

Icandelo: **Ezogcino-zincwadi Nokuthobela Imimiselo kuRhulumente wePhondo:** Kukuqhuba iinguqu kwinkalo yezolawulo Iwemali, ukumiselwa kweenqubo zogcino-zincwafi kwanokulungiselelwa kweengxelo zemali ezihlanganisiwego.

Eyona misebenzi yeli candelo yile ilandelayo:

- Kukuqinisekisa ukurekhodwa okugqibeleleyo nokuchanekileyo nokunikezelwa kweengxelo ngeenkqubo zoshishino njengoko kudingeka ngokwemigaqo yezikhokelo ezimiselwego zogcino-zincwadi. Oku kufaka igalelo kwiinzame zokuthintela iimpazamo kunye nezinye iziphoso kwiingxelo zemali kwimeko yemali ehlengahlengisiwego yogcino-zincwadi esetyenziswa ngamasebe kwakunye nesiseko senzala kwinkqubo yogcino-zincwadi esetyenziswa ngamaqumrhu;
- Ngokuhlanganisa kwanokuthi ngokwandisa kuqhutywe imigaqo nemimiselo, icandelo elilihlola ze linikezele iingxelo ngenqubela kwiKhabhinethi rhoqo ngekota ngemiba ethe yavezwa kwiimbutho ezingolawulo zesebe kunye neZicwangciso Zeentshukomo Kulawulo IweCGRO (i-e-GAP) ngenjongo yokuvulela ukuphuculwa kolawulo Iwemali; kunye
- Kukuvulela ukuphuculwa kolawulo kwanokusetyenziswakwesikhokelo sogcino-zincwadi ngokweenqubo zoqequesho ezinesimo esimiselwego ndawonye nokuvuselelwa nangakumbi kwesixhobo se-e-GAP.

Icandelo: **Ezogcino-zincwadi zooRhulumente Bamakhaya:** Kukuphucula ukusetyenziswa kwemigaqo nemingangatho yezogcino-zincwadi kwanokuqulunqwa kweengxelo koomaspala.

Eyona misebenzi iphambili kweli candelo yile ilandelayo:

- Kukuqinmisekisa ukurekhodi ngokugqibeleleyo nangokuchanekileyo kweentshuumo zoshishino njengoko kudingeka ngokwemigaqo nemigangatho yeeNtshukumo Zogcino-zincwadi Ezamkelwe Ngokuphangaleleyo (iGRAP) kwanokuthotyelwa kwemithetho emiyo yolawulo Iwemali, imimiselo kunye neTshati Eqhelekileyo yee-Akhawunti kaMaspala (imSCOA). Oku kuya kufaka igalelo kwiinzame zokuthintela iziphoso eziiselubala, iimpazamo kunye nohlalutyo olunzulu Iweengxelo zemali ezinokuqhuba iziqqibo ezingundoqo ze,igaqo-nkqubo.

4.2.8.3 Inkqutyana 4.3: EzingoLawulo loShishino: Kukwenza luqilima iinkqubo zolawulo lwezoshishino kwiPhondo ngokuthi kumiselwe iinkqubo zolawulo lomngcipheko, ezophicotho Iwangaphakathi nezingokuthotyelwa kwemigaqo nemigangatho elawula imali.

Eyona misebenzi iphambili yale nkqutyana yile ilandelayo:

- Kuhlanganida i-agenda yolawulo oluphilileyo Iwemali ze kube ke ngoko kuvuselelwa iintshukumo eziphilileyo zolawulo kwiinkalo ngeenkalo ngenjongo yokuzuza ukuphucuka kwenqubo yolawulo;
- Ukuxhobisa ngezakhono amagosa oomaspala kudizwe njengeyona nto iphambili ekuvuleni amathuba okuphucula ngendlel engummangaliso iinkqubo zolawulo Iwemali kwanokuphuculwa kwentsebenzo ngemali.Ukuxhaswa kwamalinge afana neNkxasomali Yokuxhobisa Ngezakhono Zolawulo Iwemali kwanokuxhaswa koomaspala

ekubumbeni iselwa labo lezakhono. Ukufunyanisa kwemisantsa kwezoqequesho nenkxaso ngenjongo yokuqinisekisa ukuba amalinge ahlanganisiwyo namiselwe ukwakha izakhono zamagosa asebenza ngemali kwinkalo yolawulo lomngcipheko, ezophicotho lwangaphakathi kanye nolawulo lwemali; ndawonye

- Nokumisela amaqonga afana neGosa Eliyintloko Kwezomngcipheko kanye neNgqonyela Yezophicotho (iCAE) asetyenziselwa ukuqhuba imigaqo imigangatho echaphazela ulawulo lomngcipheko kanye neenkqubo zophicotho lwangaphakathi ngenjongo yokufikelela kwiinkqubo zolawulo lwezangaphakathi eziphucukileyo.

5. IINKCUKACHA ZOQHAKAMSHELWANO EZIPHAMBILI ZOKUFIKELEKA KWEENKCUKACHA KUNONDYEBO WEPHONDO

Igosa Leenkukacha	Igama: Umnu D Savage Umnxeba: 021 483 6267 I-imeyile: David.Savage@westerncape.gov.za Ifeksi: 021 483 3855
Igosa Ellisekela Leleenkukacha	Igama: nguMnu. P Pienaar Umnxeba: 021 483 5618 I-imeyile: Paul.Pienaar@westerncape.gov.za
UNdlunkulu	Idilesi yeposi: Private Bag X9165, Cape Town 8000 Idilesi ebonakalayo: 7 Wale Street, Cape Town 8000 Umnxeba: 021 483 3749 I-imeyile: Janine.Hendricks@westerncape.gov.za Iwebhusayithi: www.westerncape.gov.za/provincial-treasury/

6. INGCACISO NGAZO ZONKE IZISOMBULULO EZIFUMANEKAYO KUMBA WENTSHUKUMO OKANYE WOKUSILELA EKUTHABATHENI INTSHUKUMO KWICALA LIKANONDYEBO WEPHONDO

Imithetho ebhekisele kwiSebe Lophuliso Loluntu inganikezela ngenqubo yohlalutyo okanye yesibheno sangaphakathi. Ukuba le nkqubo ithi isetyennziswe, okanye ingabikho ngokomthetho, inkundla ingakrwecwa ukuze ikhuphe umyalelo ofanelekileyo ngokwemigaqo yoMthetho wokuKhuthazwa koBulungisa kuLawulo, ka-2000

Imibuzo, izikhalaizo okanye izimvo ngokuphathelele nayiphi na inkalo yenqubo yokuhanjiswa kweenkonzo liSebe Lophuhliso Loluntu ingenziwa ngokolu hlobo lulandelayo:

- Umnxeba: 021 483 6204, ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu (ngaphandle kweeholide zikawonkewonke), 07:30 to 16:00
- Ifeksi: 021 483 3855
- I-imeyile: Janine.Hendricks@westerncape.gov.za
- Tyelela Isakhiwo seNdlu Yowiso-mthetho, kwa-7 kwiSitalato iWale, eKapa, ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu (ngaphandle kweeholide zikawonkewonke), 07:30 ukuya ngo-16:00

7. ISIKHOKELO NGENDLELA YOKUSEBENZISA IPAIA KWANENDLELA YOKUFIKELELA KWESI SIKHOKELO

- 7.1 UMqulunqi uthé, ngokwemigaqo yecandelo 10(1) lePAIA, wahlaziya ze wakhupha iSikhokelo esihlaziyiweyo esingokusetyenzisa kwePAIA ("iSikhokelo"), ngendlela efundeka nesebenziseka lula, njengoko kuya kudingeka kumntu onomnqweno ukusebenzisanaliphi na ilungelo elidizwe kwiPAIA nakwiPOPIA.
- 7.2 Isikhokelo siyafumaneka kulo naluphi na kwezi lwimi ziisetenyenzisa ngokusesikweni.
- 7.3 Esi sikhokelo sikhankanywe ngentla apha sizqulethe ingcaciso:
- 7.3.1 Ngezinto ezifumaneka kwiPAIA nakwiPOPIA;
- 7.3.2 Idilesi yeposi kunye nedilesi yesitalato, inombolo yefeksi kunye, ukuba ikho, ne-dilesi ye-imeyile:
- 7.3.2.1 Gosa Leenkukacha lalo lonke iqumrhu loluntu, kunye
- 7.3.2.2 Lonke iGosa EliliSekela Leleenkukacha lalo lonke iqumrhu loluntu kunye nelequmrhu labucala elimiselwe ngokwemigaqo yecandelo 17(1) lePAIA¹ kunye necandelo 56 lePOPIA²;
- 7.3.3 Indlela nohlobo lwasicelo:
- 7.3.3.1 sokufikelela kwirekhosi eliselugcinweni lwequmrhu loluntu njengoko kumiselwe kwicandelo 11³; kunye
- 7.3.3.2 nesicelo sokufikelela kwirekhodi eliselugcinweni lwequmrhu labucala njengoko kumiselwe kwicandelo 50⁴;
- 7.3.4 uncedo olufumanekayo kwiGosa Leenkukacha ngokwemigaqwo yePAIA neyePOPIA;
- 7.3.5 Uncedo olufumanekayo kuMqulunqi ngokwemigaqo yePAIA neyePOPIA;
- 7.3.6 Zonke izismbululo ezikhoyo ngokomthetho ezibhekiselele kwintshukumo okanye ekusileleni ukushukuma kumba welungelo okanye uxanduva olumiselwe okanye oluxwayiswe yiPAIA nePOPIA, kuquka nohlobo lokufaka:
- 7.3.6.1 Isibheno sangaphakathi;

¹ iCandelo 17(1) lePAIA- ngokweenjono zePAIA, iqumrhu loluntu ngalinye kufuneka, ngokuthobela imithetho elawula ingqesho yabasebenzi bequmrhu loluntu elichaphazelekayo, bamisele elo nani labasebenzinjengmagosa angamasekela kwelo leenkukacha njengoko kunyanzelekile ukuze kube nokuvulwa iqumrhu elo loluntu ukuze lifikeleleke kangangoko kubafaki-zicelo zokufikelela kumarekhodi.

² iCandelo 56(a) lePOPIA- iqumrhu loluntu ngalinye kufuneka livulele ithuba, njengoko kumiselwe kwicandelo 17 loMthetho iPromotion of Access to Information Act, lokwenziwa kweenguqu ezifanelekileyo, ukuze kumiselwe elo nani labantu, ukuba bakho, njengamagosa angamasekela elo leenkukacha njengoko kuyimfuneko ukuze benze imisebenzi kunye noxanduva olumiselwe kwicandelo 55(1) lePOPIA.

³ iCandelo 11(1) lePAIA- Umfaki-sicelo kufuneka anikwe ithuba lokufikelela kwirekhodi eliselugcinweni lwequmrhu loluntu ukuba umfaki-sicelo lowo uyithobela yonke imimiselo yeenkqubo zePAIA ezichaphazela isicelo sokufikelela kwelo rekhodi; yaye isicelo sokufikelela kwelo rekhodi singalelwaa ngokwayo nayiphi na imigaqo yokwalelwaa emiselwe kwiSahluko 4 sesi Sigaba.

⁴ iCandelo 50(1) lePAIA- Umfaki-sicelo kufuneka avulelwaa afikelele kulo naliphi na irekhodi eliselugcinweni lequmrhu labucala ukuba-

a) Irekhodi elo lidingelwa ukusetyenzisa okanye ukukhuselwa kwawo nawaphi na amalungelo;

b) Umntu lowo uyithobele imigaqo yenqubo emiselwe kwiPAIA echaphazela isicelo sokufikelela kwirekhodi; kwakunye

c) Isicelo sokufikelelo kwelo rekhodi asikhattywanga ngokwemigaqo yayo nayiphi naimigangatho yokukhatywa kwaso emiselwe kwiSahluko 4 sesi Sigaba.

- 7.3.6.2 Isikhala zoMqulunqi; kanye
- 7.3.6.3 Isicelo kwinkundla ngakwisiqibo esithatyathwe ligosa leenkukacha lequmrhu leenkukacha, isiqibo esithatyathwe nguMqulunqi okanye isiqibo esithatyathwe yintloko yequmrhu labucala;
- 7.3.7 Imimiselo yecandelo 14⁵ no-51⁶ ezidinga ukuba iqumrhu loluntu kanye nequmrhu labucala, ngokulandeletana, aqulunqe isikhokelo sokuba kungafikekeleka njani na kwesi sikhokelo;
- 7.3.8 Imimiselo yecandelo 15⁷ no-52⁸ avumela ukunikezelwa kwamabakala ngokuzenzela amarekhodi liqumrhu loluntu kanye nequmrhu labucala, ngokulandeletana;
- 7.3.9 Izaziso ezikhutshwe ngokwamacandelo 22⁹ no-54¹⁰ ezimalunga neentlawulo ekufuneka zikhutshiwe ngokuphathelele kwizicelo zokufikelela; kanye
- 7.3.10 Imimiselo eyenziwe ngokwemigaqo yecandelo 92¹¹.
- 7.4 Uluntu ngokubanzi lungathi luhlole okanye lwenze iikopi zesi Sikhokelo kwii-ofisi zequmrhu loluntu ngokubanzi okanye kwezelabucala, kuquka nakwi-Ofisi yoMqulunqi Weenkukacha, ngamaxesha aqhelekileyo okusebenza. Esi Sikhokelo sisengafumaneka futhi:
- 7.4.1 Ngesicelo kwiGosa Leenkukacha;
- 7.4.2 Kwiwebhusayithi yoMqulunqi (<https://www.inforegulator.org.za>) linkcukacha zoqhakamshelwano zoMqulunqi zinikezelwe ngezantsi apha.

I-Ofisi Yomqulunqi Weenkukacha	
Umnxeba	Awukho
Ifeksi	Awukho
Idilesai Ye-imeyile	Imibuzo ephangaleleyo: enquiries@inforegulator.org.za Izikhalazo: PAIAComplaints@inforegulator.org.za
Idilesi yeposi	PO Box 31533 eBraamfontein, eRhawutini ngo-2017
Idilesi yesitalato	eJD House kwa-27 kwiSitalato iSiemens, wBraamfontein, eRhawutini ngo-2001
Iwebhusayithi	https://www.inforegulator.org.za

-
- ⁵ iCandelo 14(1) lePAIA- Igosa Leenkukacha lequmrhu loluntu kufuneka, ubuncinci kwiilwimi ezintathu ezisetyenziswa ngokusikweni, likhuphe isikhokelo esiqulethe iinkvcukacha ezidweliswe kumhlathi 4 ngentla.
- ⁶ iCandelo 51(1) lePAIA- intloko yequmrhu labucala kufuneka likhuphe isikhokelo esiqulethe iinkvcukacha ezidweliswe kumhlathi 4 ngentla.
- ⁷ iCandelo 15(1) lePAIA- Igosa leenkukacha lequmrhu loluntu, kufuneka likhuphe ngendlela emiselweyo ingcaciso yamabakala amarekhodid equmrhu loluntu elo afumaneka ngaphandleni kokuba umntu kufuneke afake iselo sokukhululelwona
- ⁸ iCandelo 52(1) lePAIA- Intloko yequmrhu ingathi, ngokuzithandela, ikhuphe ngendlela emiselweyo ingcaciso yamabakala amarekhodi equmrhu elo labucala afikeleka ngaphandleni kufuneke umntu afake awafakele isicelo.
- ⁹ iCandelo 22(1) lePAIA – Igosa lolwazi lequmrhu likarhulumente ekwensiwa kulo isicelo sofikelelo kufuneka ngesaziso lifune ukuba umfaki -sicelo ahlawule intlawulo emiselweyo yesicelo (ukuba ikhona), phambi kokuba kuqwalaselwe izicelo.
- ¹⁰ iCandelo 54(1) lePAIA- intloko yequmrhu labucala aphi senziwe khona isicelo sokufikelela kufuneka lithi ngesaziso liyalele umfaki-sicelo ukuba enze intlawulo emiselweyo (ukuba ikho) yesicelo ngaphambi kokuba qqhube nokuqwalasela isicelo sakhet.
- ¹¹ iCandelo 92(1) lePAIA limisela ukuba- “uMphathiswa angathi, ngokwesaziso kwiGazethi, enze imimiselo echaphazela-
- (a) nawuphi na umba odingekayo okanye ovumelekileyo ngokwemigaqo yalo Mthetho ukuba umiselwe;
 - (b) nawuphi na umba echaphazela iintlaeulo ezimiselwe kumacandelo 22 no-54;
 - (c) nasiphi na isaziso esidingekayo ngokwalo Mthetho;
 - (d) inkqubo efanayo emayisetyenziswe ligosa leenkukacha lequmrhu loluntu xa lithabatha isiqibo sokuba ngawaphi na amabakala amarekhodi aza kukhutshwa ngokwemigaqo yecandelo 15; kanye
 - (e) nawuphi na umba wezolawulo okanye wenkqubo enyanzelekileyo ukuze kumiselwe imigaqo yalo Mthetho.”

7.5 Isihlomelo A kwesi sikhokelo siquka iinkcukacha kanye nesikhokelo sendlela yokufikelela kumarekhodi kaNondyebo wePhondo (angafikeleleki njee), inkqubo yakhe yangaphakathi yokubhena, ukufakwa kwezikhalazo kuMquunqi Weenkukacha okanye ukufaka isicelo enkundleni ukuba iqwalasele izigqibo zeGosa Leenkukacha okanye zeGosa Elilisekela Leleenkukacha, njengoko iya kube isitshi imeko.

8. INGCACISO NGABANINI-MAREKHODI KWANAMABAKALA AMAREKHODI AGCINWE NGUNONDYEBO WEPHONDO

UNondyebo wePhondo ugcina amarekhodi ngaba bantu namabakala alandelayo:

AMABAKALA NABANTU	yiNkubo Lidinga ukufakelwa isicelo	yiNkubo Lifikeleleka ngaphandle kwesicelo (Ziinkcukacha Ezivulelekileyo)
8.1 Sisikhokelo seMithetho neMimiselo <ul style="list-style-type: none"> • Isikhokelo soMgaqo-siseko Wesizwe • Imithetho yesizwe • Imithetho kaRhulumente weNtshona Koloni 	UNondyebo wePhondo	
8.2 OUqulunqo nolawulo <ul style="list-style-type: none"> • Uhlengahlengiso lwemisebenzi • Ukwahlulahluwlwa kwamagunya • Ukumiselwa kwamacandelo/kweeofisi ezintsha • Ucwangciso • Imiyalelo neekhowudi ze-ofisi • linkqubo zentsebenzo yequmrhu • lingxelo • Umgaqo-nkqubo nesicwangciso-nkqubo • linkcukacha zolawulo lwesicwangciso-nkqubo • Iziko Leenkonzo Zoshishino • Ingqinisekiso Yezoshishino 	Inkqubo 1	
8.3 Ezingolawulo Lwezibonelelo zabasebenzi <ul style="list-style-type: none"> • Uphuhliso lwequmrhu • Iqumrhu Loqequesho kwiPhondo • Ulawulo lwezibonelelo zabasebenzi • Ulawulo lwezakhono zoluntu 	Inkqubo 1	

AMABAKALA NABANTU	yiNkqubo Lidinga ukufakelwa isicelo	yiNkqubo Lifikeleleka ngaphandle kwesicelo (Ziinkcukacha Ezivulelekileyo)
8.4 Ityathanga loLawulo Lweetengo <ul style="list-style-type: none"> • Ezeentengo • Ezezibonelelo • Ulawulo lwempahla 	Inkqubo 1	
8.5 IUlawulo Iwangaphakathi Iwamaqumrhu <ul style="list-style-type: none"> • Izakhiwo nemihlaba • Izixhobo nefenitshala • linkonzo zeeposi • linkonzo zonxibelewano ngeminxeba • Impilo nokhuseleko lwempilo emsebenzini 	Inkqubo 1	
8.6 linkonzo zeehambo zangaphakathi nezothutho <ul style="list-style-type: none"> • Ezothutho 	Inkqubo 1	
8.7 linkonzo zeenkukacha zangaphakathi <ul style="list-style-type: none"> • Ulawulo Iwamarekhodi angaphakathi • Ulawulo Iwamathala eencwadi • Ulawulo Iweenkukacha • Ulawulo lolwazi • Amalinge okhuseleko Iwangaphakathi • Ulawulo ngokoMthetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi (iPAIA) • iZiko i-e-Innovation (iCe-I) • ULawulo ngokoMthetho woKhuseleko loBulungisa kuLawulo • UMthetho woKhuseleko loBulungisa kuLawulo (iPAJA) 	Inkqubo 2	
8.8 Ezingolawulo <ul style="list-style-type: none"> • limveliso nopapasho lukaRhulumente • linkonzo zeelwimi • Uhlolo Iwamajelo eendaba • lingxelo • lintetho nezfundo • Unxibelewano ngokwesicwangciso-qhinga 	Inkqubo 1	

AMABAKALA NABANTU	yiNkqubo Lidinga ukufakelwa isicelo	yiNkqubo Lifikeleleka ngaphandle kwesicelo (Ziinkcukacha Ezivulelekileyo)
8.9 AUkuzinyaswa nokuhlinzekwa kwemihlangano neminye imihlangano <ul style="list-style-type: none"> • Imisebenzi yoncedo olongezelelekileyo • Misebenzi yolawulo 	Inkqubo 1	

9. AMABAKALA AMAREKHOSI KANONDYEBO WEPHONDO AFIKELEKAYO NGAPHANDLE KOKUFAKELWA IZICELO ZOKUFIGELEKA

La marekhodi alandelayo ayafumaneka ukuze ahlolwe ngokwemigaqo yecandelo 15(1)(a)(i) kwanokuze benze ikopi ngokwemigaqo yecandelo 15(1)(a)(ii).

Amaxwebhu afumanekayo ukuze atsalwe kwiphothali kaNondyebo wePhondo apha <https://www.westerncape.gov.za/provincial-treasury/resource-library> ngaphandle kwentlawulo ngokwemigaqo yecandelo 15(1)(a)(iii) aphawulwe nge-astarikhi:

Ingcaciso ngamabakala amarekhodi atumaneka njeee ngokwemigaqo yecandelo 15(1)(a)	Indlela yokufikelela kumarekhodi ngokwecandelo 15(1)(b)
<p>(a) Uhlahlo-lwabiwo lwePhondo (lintelekelelo Ezingundoqo Nezhlengahlrengisiweyo)*</p> <p>(b) Isivumelwano seengcaciso Ngohlahlo Lolwabiwo-mali lwePhondo (lintelekelelo Ezingundoqo Nezhlengahlrengisiweyo)*</p> <p>(c) Intetho yomgaqo-nkqubo Wohlahllo Lolwabiwo-mali lwePhondo Laphakathi Enyakenu Policy Statement*</p> <p>(d) Uhlalutyo Nesimo Soqoqosho lwePhondo (iPERO)*</p> <p>(e) Uhlalutyo Nohlalutyo Loqoqosho looMaspala (iMERO)*</p> <p>(f) lingxelo kwiSebe ngalinye ngokwemigaqo yoMthetho woLawulo lweMali zikaRhulumente (PFMA), ka-1999 (UMthetho 1 ka-1999) kwanomthetho UMthetho woLwahlulo lweNgeniso (iDORA)*</p> <p>(g) lisetyhula zikaNondyebo kune namaxwebhu omgaqo-nkqubo achaphazelekayo *</p> <p>(h) Imigaqo yoLawulo LweTyathanga Leentengo*</p> <p>(i) Imigaqo yeMali *</p>	Amarekhodi ekubhekswa kuwo ku-(a) ukuya ku-(n) angafumaneka kwiSebe kumgangatho wesithathu weSakhiwo Sendlu Yowiso-mthetho, kwa-7 kwiSitalato iWale, eKapa emva kokuthunyelwa kwentlawulo emiselweyo – Phakathi kuka-07:30 no-16:00 – okanye angafumaneka kwiwebhusayithi yeSebe simahla.

Ingcaciso ngamabakala amarekhodi afumaneka njeee ngokwemigaqo yecandelo 15(1)(a)	Indlela yokufikelela kumarekhodi ngokwecandelo 15(1)(b)
(j) Amaxwebhu eethenda (iithenda ezibhengeziweyo)* (k) ITshata Yeenkonzo* (l) Ilicwangciso-maqhinga* (m) Ilicwangciso Zentsebenzo Yonyaka* (n) Lingxelo Zonyaka *	

10. IINKONZO EZIFIKELELEKA KULUNTU NGOKUBANZI KUNONDYEBO WEPHONDO KWANENDLELA YOKUFIKELELA KWEZI NKONZO

ISebe eli alinikezeli zinkonzo kuluntu ngokubanzi. ITshata Yenkubo Yokuhanjisa Kweenkonzo yeli Sebe iqhotyoshelwe njengeSihlomela B yaye ingafumakeka kweli khonko lilandelayo:

